



education

Department:  
Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**FEBRUARY/MARCH 2009**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-7.

**IMIYALELO**

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMATHATHU, umzekelo ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A: Isincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)

2. Abafundi kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.
3. ICandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.
4. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo Iwamagama kunye nolwakhiwo Iwezivakalisi.
6. UBUDE BEEMPENDULO:

ICANDELO A: Isincoko – Bhala isincoko ngamagama ali-190 ukuya kuma-240.

ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ngamagama angama-60 ukuya kuma-80.

**ICANDELO A: ISINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 Ulutsha lukhalazela ukunyeliswa nokugxekwa kuyo yonke into oluyenzayo. Abazali kwelabo icala bakhalazela ukungabi nasimilo kwabantwana abalilisela ngamalungelo abo. Ngena ezihiangwini zabazali nabantwana **ugxeke uncom**a uhivelela zonke iinkalo ngezi mbono banazo. **iimbono ziabesabesana phakathi kwabantwana nabazali.**

[50]

**OKANYE**

- 1.2 Namhlanje unguSomashishini ophumeleleyo ebomini, kodwa ibingumqantsa ukuza kufikelela kule ndawo.

**Khawubuye umva ngeengcinga ubalise** ngamahlandinyuka othe wahlangabezana nawo.

[50]

**OKANYE**

- 1.3 URhulumente kubonakala ngathi usilele kwizithembiso awazenza zokunikeza iinkonzo ezingundoqo ebantwini. **Phuhlisa** ubunyani boku ujunge kuwo onke amasebe asebuRhulumenteni uze unikeze neengcebiso kuRhulumente oza kungena ezihiangwini zalo uphetheyo.

[50]

**OKANYE**

- 1.4 Iqela loMzantsi Afrika lebhola ekhatywayo lidlale ngokuncomekayo nangona lingabuyanga nendebe kukhuphiswano lweNdebe yaseAfrika. Oku kunika ithemba lokuba ngowama-2010 liya kwenza izinto zamehlo bonwabe abemi beli loMzantsi Afrika. Ingaba uyavumelana na nale mbono?

**Xoxa** sive iimbono zakho ngolu luvo.



[50]

### OKANYE

- 1.5 "Ndazalelwa kweli lizwe, amathambo ookhokho alele kwalapha, ndiyaziqhaya ndikwazingca ngokuba ngummi woMzantsi Afrika."

**Chaza** utsho ukuba kutheni uwuthanda uMzantsi Afrika.

[50]


**AMANQAKU ECANDELO A:** **50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE****UMBUZO 2**

**Chonga** umhlathana omde ube MNYE kuphela. **Bhala** ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo uwodwa). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lovo.

- 2.1 Ubukwitheko lolutsha apho beluzonwabisika khona 'luhlamba iintsiba zokubhala' emva kokuba lugqibe ukubhala iphepha lesiNgesi, iliphepha lokuggibela leemviwo zokuphela konyaka.

**Bhala inqaku leendaba** eliza kupapashwa kwiphephandaba lengingqi ngalo mbhiyozo.



[30]

**OKANYE**

- 2.2 Ubulahlekelwe yincwadi yakho yesazisi kodwa ngethamsanqa kukho umntu othe wayichola wakuthumelela yona ngeposi.

**Bhala ileta** umbulele ngesi senzo asenzileyo.

[30]

**OKANYE**

- 2.3 Abafundi ababini baxoxa ngezolonwabo lwempela-veki, kodwa baphawule ukuba nokuba bezonwabisika nje umsebenzi wabo wesikolo uyadodobala yaye mbi.

**Bhala ingxoxo** yesi sibini sive ngamanyathelo abazimisele ukuwathatha ukuguqula ubomi babo.

[30]

**OKANYE**

- 2.4 Ubumele isikolo sakho kwintlanganiso entsuku-mbini, apho benizama iindlela zokuqinisa ubudlelwane bonxibelewano nentsebenziswano phakathi kwabafundi namapolisa ukuzama ukulwa ukusetyenziswa kweziyobisi nokuphathana gadalala kwabafundi ezikolweni.

**Bhala ingxelo** ngokuthe kwaqhube ka kule ntlanganiso. [30]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 30

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 3**

Bhala umhlathana ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

- 3.1 Ubhuti wakho uza kutshata kungekudala. Uceliwe ukuba ubhale icwecwe lesimemo.

**Yila icwecwe lesimemo **ubhalele** izihlobo nabahlobo uzimememele kweli theko.**

**[20]**

**OKANYE**

- 3.2 Ukukhawulelana neengxaki zokuphila, uzame umsetyenzana wesingxungxo ngezi holide zokuphela konyaka. Ngethamsanqa inkampani ethengisa izindlu ikunike umsebenzi wokuthengisa izindlu.

**Yila **isibhengezo-ntengiso** esinomtsalane esibhalwe ngesiXhosa esivunyiweyo kwanolwimi oluya kuloba abathengi.**



**[20]**

**OKANYE**

- 3.3 Niza kufikelwa ziindwendwe ngempela-veki. Ezi ndwendwe kufuneka zilungiselelwe indawo yokulala, ukutya kwakunye nezixhobo eziza kusetyenziswa, ezinje ngeeprojektha, izixhobo zokubhala njalo-njalo.

**Bhala** isicwangciso sedayari samalungiselelo phambi kwentlanganiso.

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C:** **20**

**AMANQAKU EWONKE:** **100**

